



UMASIPALA WASE-HESSEQUA

A CARING, SERVING AND GROWING HESSEQUA

UMasipala waseHessequa udinga iinkonzo zabantu abafanelekileyo kwezi zithuba zengqesho zilandelayo zethutyana:

*** Abacebisi bexeshana bokusetyenziswa kwezidakamizwa x8 – Kummandla kaMasipala waseHessequa**

(Ref: Mentor) R240 ngosuku.

Isivumelwano sexeshana: 01 Disemba 2026 ukuya ku-28 Februwari 2027

Iimfuno: Ibanga le-10 (ukwazi ukufunda nokubhala) • Kufuneka ube nemvelaphi okanye ulwazi malunga nokusetyenziswa kwezidakamizwa kunye nokubuyiselwa • Kufuneka ugqibe uqeqesho lwePeer Recovery Support Curriculum • Izakhono ezibalaseleyo zonxibelelwano kunye nobudlelwane nabantu • Ukukwazi ukunxibelelana ngeelwimi ezimbini ezisemthethweni zeNtshona Koloni • Amava onyaka omnye kwindawo efanayo, aya kusebenza njengesindululo esinqwenelekayo.

Imisebenzi: Thatha inxaxheba kwiindibano zoqeqesho • Thumela abathathi-nxaxheba kwiinkonzo ezifanelekileyo zenkxaso • Khokela iingxoxo zamaqela kunye neentlanganiselo zenkxaso yeqabane • Nika ubunkokeli bomntu ngamnye kubathathi-nxaxheba • Jonga inkqubela phambili kwaye unike ingxelo rhoqo kubalawuli.

UMasipala waseHessequa ngumqeshi onikeza amathuba ngokulinganayo kwaye ukhuthaza abantu abakhubazekileyo, kunye nabantu abavela kumaqela awawehlelekile ngaphambili ukuba afake izicelo kwizithuba zengqesho.

Imiyalelo kubafaki-zicelo:

Abafaki-zicelo bangabhalisa kwiwebhusayithi ye-e-recruitment baze bafake izicelo zabo ngeintanethi.

(<https://munrec.collaboratoronline.com/SitePages/Home.aspx>)

Ungakwazi kananjalo ukudawunloda iifomu zezicelo ku-www.hessequa.gov.za. Esi sicelo ungasifaka ngokwe-elektroniki ku-applications@hessequa.gov.za. Kananjalo iifomu zezicelo zingangeniswa ngesandla kuyo nayiphi na iOfisi kaMasipala waseHessequa okanye uzithumele ngeposi kuHuman Resources, PO Box 29, Riversdale, 6670.

UMasipala ngumqeshi onikeza amathuba ngokulinganayo kwaye uthobela uMthetho woLungelelwaniso lweNgqesho. Kuya kuqala kukhethwe kubafaki-zicelo abafezekisa iiNjongo zoLungelelwaniso lweNgqesho, kodwa oku akuyi kuba kukuphela kwendlela esetyenziswayo. Bonke abafaki-zicelo baya kwenziwa uhlolo lokujonga iireferensi, ukuqinisekiswa kwezemfundo kunye nokujongwa kwerekhodi lolwaphulo-mthetho. Ngokufaka isicelo kwesi sithuba sengqesho kuMasipala, unika imvume yokuba zijongwe ezi zinto. Izicelo ezifunyenwe emva komhla wokuvala okanye ezifunyenwe zingenayo ifomu yesicelo edingekayo, aziyi kuqwalaselwa. Ukukhankasa kuye nawuphi na ucebha kunye/okanye ilungu leKomiti yokuQesha kunye/okanye naliphi na ilungu labasebenzi bakaMasipala, kuya kwenza abafaki-zicelo bakhutshelwe ngaphandle. Ngabafaki-zicelo abakuluhlu lwabo baphumelele kuhluzo kuphela ekuya kuqhagamshelwana nabo ukuze beze kudliwano-ndlebe. Abafaki-zicelo banokuzithatha njengezingaphumelelanga izicelo zabo ukuba ngaba akukho mpendulo bayifumeneyo kwiinyanga ezintathu (3) ukusuka kumhla wokuvala. Ukufakwa kwabo baqeshiweyo emsebenzini kungenziwa nakweyiphi na indawo yaseHessequa. Oku kuquka: iWitsand, iSlangrivier, iHeidelberg, iRiversdale, iStill Bay, iAlbertinia neGouritsmond. Abafaki-zicelo abakwiNdawo kaMasipala waseHessequa baya kukhokheliswa phambili. UMasipala uyayihlonipha imimiselo yoMthetho woKhuselo loLwazi loBuqu. Ngokufaka iinkcukacha kunye nesicelo sakho, uyaqinisekisa ukuba iinkcukacha ozinikezileyo zinyanisekile, zichanekile kwaye zezakutsha. Abafaki-zicelo abaphumeleleyo kuya kulindeleka ukuba batyikitye isivumelwano sengqesho, ukuchazwa kwezibonelelo neenzuzo kunye nesivumelwano sokwenza umsebenzi. Abafaki-zicelo abafike emva kwexesha kudliwano-ndlebe abayi kufakwa. UMasipala unelungelo lokuba angaqeshi.

Umhla wokuvala: 22 Okthobha 2026

Umntu Ekungaqhagamshelwana Naye: Nkszn Jonecia Jansen ku-028 713 7965